URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Paul Swart**
ICandelo lokuXhasa amaZiko ngeZibonelelo
Paul.Swart@westerncape.gov.za | 021 467 2025

Inombolo yefayili: 18/2/R
Isalathiso: 20240626-4881

INgcaciso eMfutshane yeCandelo lokuXhasa amaZiko ngeZibonelelo: 0012/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko beZithili, kuBalawuli beZithili, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko (zee-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu nakooSihlalo bamabhunga olawulo bezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nakwabezikolo zezakhono

**Isihloko: Ukufakwa nokusayinelwa kwezicelo zeSkim soThutho lwaBafundi (*LTS*) ukulungiselela iinkonzo zothutho lwabafundi zonyaka wesikolo ka-2025 (iinkonzo ezintsha nabafundi abongezelelweyo)**

1. Izikolo kufuneka zifake zize zisayinele izicelo ze-*LTS* ezenzelwa unyaka wesikolo ka-2025 kwisistim yekhompyutha yokwenza isicelo se-*LTS* efumaneka kwi-*CEMIS*. Kungafikelelwa kwisistim kwiprofayili yesikolo ngokucofa ezi thebu (*tabs)* u-*Administration* >> *Learner Transport* >> *New Applications*. Incwadana eneenkcukacha yemigaqo yomsebenzisi enika isikhokelo ezikolweni malunga nokuba zizaliswe njani na izicelo ze-*LTS* kwisistim entsha yekhompyutha inokufunyanwa kwi-*home page* yesistim kwi-*CEMIS*.

2. Ukuqwalaselwa kwezicelo ze-*LTS* zonyaka wesikolo ka-2024 makugqitywe yaye kusayinelwe zizikolo kwi-*CEMIS* ungadlulanga owe-31 Julayi 2024 **njengoko ukusebenza kwesistim yonyaka wesikolo ka-2024 kungasayi kusebenza emva kowe-31 Julayi 2024**. Ukususela nge-01 Agasti 2024, naziphi na izicelo ze-*LTS* zonyaka wesikolo ka-2024 ziya kuqwalaselwa kuphela kwiimeko ezizodwa yaye makunikwe inkcazo yezizathu ezivokothekileyo malunga nemfuno yezicelo ezilolu hlobo yaye kuqhagamshelwane necandelwana le-*LTS* kwaNdlunkulu.

3. Izicelo ze-*LTS* ezilungiselelwe ukusetyenziswa **kweendlela ezintsha ze-*LTS*** kunye nokufakwa **kwabafundi abongezelelweyo** kwiindlela ze-*LTS* ezikhoyo ngoJanuwari 2025 mazifakwe kwisistim yezicelo ze-*LTS* ekhompyutheni kwi-*CEMIS* ukususela ngowe-**01 Agasti 2024** zize zisayinelwe ziinqununu ungadlulanga owe-**30 Agasti 2024 .**

4. Xa kuqwalaselwa yaye kusayinwa izicelo ze-*LTS* ezithunyelwe ngekhompyutha, bayacelwa abaphathi beesekethe nabaphathi bezithili abachaphazelekayo ukuba bangqinisise ukuba ngaba abafundi bafanelekile na ngokoMgaqo-nkqubo weSebe leMfundo leNtshona Koloni

weZikim zoThutho lwaBafundi, ka-2013 okanye ngokufumaneka komthamo wasehostele phambi kokuba benze ingcebiso yokufakwa kwaba bafundi kwindlela ye-*LTS*.

5. Abaphathi Abaphathi bezithili mabaqinisekise ukuba amagosa e-*LTS* achaphazelekayo akwizithili zemfundo aziqwalasela kwangexesha izicelo ze-*LTS* baze basayinele izicelo ze-*LTS* zonyaka wesikolo ka-2025 ezithunyelwe ngekhompyutha ungadlulanga **owe-20 Septemba 2024.**

6. Kubaluleke gqitha ukuba izicelo ze-LTS ziqwalaselwe zize zisayinelwe ngabaphathi bezithili abachaphazelekayo ungadlulanga **owe-20 Septemba 2024** ukuqinisekisa ukuba iinkonzo zinako ukufakwa kwinkqubo elandelwayo yokuthengwa kwempahla neenkonzo zize zenziwe zifumaneke ngosuku lokuqala lwesikolo luka-2025. Izicelo ezisayinelwe emva komhla omisiweyo okhankanywe apha ngasentla zingasemngciphekweni wokungavunywa kwangethuba ukulungiselela usuku lokuqala lonyaka wesikolo ka-2025.

7. Kucelwa wazise okuqulethwe yile ngcaciso imfutshane onke amagosa achaphazelekayo ukuze akuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-MS ABRAHAMS
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOCWANGCISO LWEMFUNDO**
**UMHLA:** 2024-07-08